# CAYCO

## Cape Youth Congress

## *NEW CROSSROAD BRANCH*

# BATYHALWA NGEZIXHANTI ABAHLALI KOLU VOTO

" Sonke singabahlali base Crossroads sisengxaki yokurhintyelwa ngentambo sitsalelwa eliweni elinesilo esingasaziyo uthi ubani akubuza kuthiwe wosibona xa sikutyayo eso silo."

Usihlalo wase Crossroads ubhengeza ukuba woyisiwe ukuphatha abantu. Watsho esithi uyayeka. Bathe abantu besalangazelela isizathu, kwayena wamisela ikomiti eququzelela uvoto luka sihlalo omtsha. Le komiti ayikhange iyixoxe nabantu le nto koko iqhubele phambili amalungiselelo.

Umnqa ebantwini ngowokuba olu voto kuthiwe lihlebo. Yaye laziwa ngabo bathi bayikomiti kuphela. Abantu angabona bazakuphathwa akufuneki babuze nto koko mabamkele abakuxelelwayo. Luvoto olunjani olu?

Kuyacaça mhlophe bahlali sitsalelwa kwi Community Council ngecebo. Xa kungoku le komiti ikhokelwa ngabesakuba ngusihlalo irhumisa abantu i R15.00 ekuthiwa zezefoto zabo bazakuvotelwa. Kazi yakhe yakhona na ifoto (Card) ye R15.00

Bahlali, usihlalo ebesinaye uthe woyisiwe asimboni ke ngoko inguye intloko elawulayo yalo voto lwabo, ikomiti ayikwazi kugqibela abantu ngenyathelo emalithathwe ngabantu .

Ngabantu abalawula ikomiti, asiyokomiti elawula abantu.

Nazi izinto ezizakuzalwa lolu voto:-

Printed by Zakhe No I&2 Town Centre Hanover Park

Abahlali base Old Crossroads bazakuhlawuliswa irente eyi R13.00 eyakuhlawulwa e White House kwikomiti. Le mali izakusetyenziswa yikomiti ekwakheni intolongo yokutshutshisa abantu nokubahlawulisa imali. Bahlali masingacinezelwa sihle sihleli. Masiphakame silukhabe olu voto.

Asivoti thina bacinezelweyo, siyazonyula ezethu iinkokheli ngemisebenzi yazo phantsi komgaqo siseko wabantu.

Masilumke bahlali singaphathelwa i Community Council ngokusemthethweni. Masingavumi ukuvotiswa, masingavumi ukuhlawuliswa imali, sithengiselwa ikati esengxoweni. Masilukwaye olu voto kuba luyingozi.

!!! PHAMBILI NGEDABI !!! SILIKAMVA

We request Cayco to get out of Crossroads. We
don't want a bloodbath in our beloved Crossroa

Cayco must not be an obstacle in the
Crossroads elections. Mr Ngxobongwana is the
only leader who managed to get its
residents rights to stay with their families. He
is the leader of the black nation. He is the
first black leader in South Africa who has had
guts to speak against the whites and he is
the only one who has won the struggle against
the passes. Cayco get out of Crossroads
we do not want another 1976 happening he

Cayco get out of Old and New Crossroads

1985?

1. Okokuqala sicela iCayco isuduke endleleni yabantu bade Cross-Roads kuba asifuni kubona zantyala - ntyala zegazikule Cross-Roads siyithandayo.

2. Asifuni ukuba le ndawo kusithelwe ngayo xa kusiliwa, abantwana bethu bahamba ezi clinic nasezibhedlele ngenxa ye tear-gas, abanye bezinye ilokishi aba tyiwa yiyo. Ilokishi yethu iyanuka ngama bhakethi kuba iloli azinceni ngenza ka Cayco.

3. I Cayco mayisuke endleleni yoveto lwase Cross-Roads, yayiphi mhla kwema le Cross Roads yayaphi mhla kwaphuka iingxobongwana? Yayiphi ugexesha abantu beleqwa ngeginja yaze le nkokheli yazama icebo lokuba abantu bafumane amabungelo okuhlala nentsaphozabo. Asidlali ngale ukokheli. Cayco suka endleleni; Asinifuntseli Ungxobongwana; yinkokheli yesizwe esi unyama. Nawuphina umbutho uthe uze uqonde uba umntu omhlophe uyaphikiswa babona kule Cross Roads, ikwayinkokheli yokuqala emzantsi Afrika kwezi zonke eyalwngisa intsokolo yepasi. Yonke le mibutho iphela ivela emva kwayo, ke. Siyaku cela Cayco suduka endleleni kuba asifuni kubona esika 1976. Kodwa uba kunje Sohyanzeleka. Suduka Enkleleni! Ukuba kukho umbutho nawuphi na ofuna ukwenzelwa into yi Cross Roads mawacele kwikomiti yalapha okanye kwinkokheli yalapha.

Suduka endleleni Cayco nase New and Old Cross Roads ; Sithi Lumka Cayco Wagilwa.

Sukani endleleni yabantu base Cross Roads.

---